

AMAXWEBHU EZIKHALAZO ASIWA EPALAMENTE

ISahluko sama-56 (d) nesama-69 (d) soMgaqo-siseko sinika iNdlu yoWiso-mthetho kunye neBhunga lamaPhondo leSizwe ilungelo *lokwamkela izikhalazo, iinkcazo okanye izingeniso nakubani na okanye nakwawaphi amaziko achaphazelekayo.*

Ukuthatha inxaxheba koluntu ekwenzeni imithetho, ukongamela kunye nezinye iinkqubo zePalamente kuligatya loMgaqo-siseko elibalulekileyo lwedemokhrasi yethu. IPalamente ivelise iindlela ezininzi zokukhuthaza ukuthath' inxaxheba koluntu kumsebenzi wayo. Enye indlela uluntu olungasebenzisa ilungelo lalo lokuthatha inxaxheba ePalamente kukufaka uxwebhu lwezikhalazo.

Imigaqo yokuhlangabezana nezikhalazo ibhalwe kwimithetho yeNdlu yoWiso-mthetho nakweyeBhunga lamaPhondo eSizwe.

YINTONI UXWEBHU LWEZIKHALAZO?

Uxwebhu lwezikhalazo sisicelo esisemthethweni esiya ePalamente sokuba ingenelele kumba othile. Lusenokuba sisicelo sokuncediswa kumba othile okanye ukulungiswa kwesikhalazo.

IINDIDI ZAMAXWEBHU EZIKHALAZO

Zidla ngokuba mbini iindidi zamaxwebhu ezikhalazo, ezizezi, amaxwebhu ezikhalazo akhethekileyo kunye namaxwebhu ezikhalazo oluntu okanye amaxwebhu ezikhalazo ngokubanzi. Uxwebhu lwezikhalazo olukhethekileyo lolomntu owenza isicelo esithile okanye ocela ukuncedwa ngurhulumente, lube lungagunyaziswanga ngumthetho, olufana nemali yenkam-nkam. Uxwebhu lwezikhalazo loluntu lwenziwa iqela labemi elineemfuno ezifanayo licela ukubonelelwa ngento ethile okanye ukulungiswa kwesikhalazo.

UKUNGENISWA KOXWEBHU LWEZIKHALAZO

NgokoMgaqo-siseko, *“Wonke ubani unelungelo, ngokuzolileyo kungaxhotywanga, lokuhlanganyela ndawonye, babonakalise ukungoneliseki*

ngokwenza imingcelele, bavakalise ukungoneliseki ngokuphatha amaxwebhu kunye nokunikezela ngamaxwebhu ezikhalazo.” Nangona kunjalo, kukho iinkqubo ezithile umntu okanye amaqela ekufuneka ewalandele ukufaka isicelo ePalamente.

Ukungeniswa kwamaxwebhu ezikhalazo kulawulwa yimithetho yePalamente.

INdlu yoWiso-mthetho ifuna ukuba uxwebhu lwezikhalazo lungeniswe ngokusemthethweni lilungu lePalamente ukuze luqwalaselwe. Ngoko ke, uxwebhu kufuneka luxhaswe lilungu lePalamente. Uvumelekile ukuba ungazama ukudibana nalo naliphi na ilungu lePalamente ngokuqhagamshelana nawo okanye utyelele ii-ofisi zengingqi yelungu yovoto elikufutshane kuwe ukuya kufuna ukuncedwa ngokungeniselwa uxwebhu lwezikhalazo.

IBhunga lamaPhondo leSizwe lona alinyanzelisi ukuba uxwebhu lwezikhalazo luxhaswe lilungu lePalamente, kuloko uxwebhu lwezikhalazo olungeniswe kwiBhunga lamaPhondo leSizwe kufuneka lube ngokohlobo oluqulinqwe nguSomlomo weBhunga. Imithetho yeBhunga lamaPhondo leSizwe ayohluli phakathi koxwebhu lwezikhalazo olukhethekileyo nakuxwebhu lwezikhalazo ngokubanzi.

UHLOBO LOKUBHALA UXWEBHU LWEZIKHALAZO

Uxwebhu lwezikhalazo kufuneka luhambelane nezi mfuno zilandelayo:

- Lube ngokohlobo oluqulunqwe nguSomlomo weNdlu yoWiso-mthetho okanye uSihlalo weBhunga lamaPhondo leSizwe
- Lufake i/amagama kunye neenkukacha zoqhagamshelwano zabantu abafake uxwebhu lwezikhalazo.
- Luchaze oyena mntu lubhekiswe kuye olu xwebhu lwezikhalazo (luthunyelwa kubani olu xwebhu lwezikhalazo?);
- Luluchaze ngokuphandle uhlobo lwesicelo esenziweyo (umxholo woxwebhu);
- Faka izizathu ezicacileyo zoxwebhu lwezikhalazo
- Uxwebhu lwezikhalazo lusenokubhalwa nangalo naluphi na ulwimi olusemthethweni eMzantsi Afrika;
- Kufuneka lusayinwe ngum/abakhalazi ngokwabo (ngaphandle kokuba uSomlomo okanye uSihlalo ugqibe ngolunye uhlobo);

- Lungabinantetho engalunganga okanye engenambeko; kwaye
- Kufuneka lucacise uhlobo loncedo olufunwa ePalamente.

ULUNGENISA NJANI UXWEBHU EPALAMENTE?

Kubalulekile ukuba uthethe nelungu lePalamente ngaphambi kokuba ufake uxwebhu lwakho lwezikhalazo kuba ngokwenza njalo basenokukunceda ngendlela uxwebhu olubhalwa ngayo nangoko ufanele ukubhale kuxwebhu lwakho lwezikhalazo.

Ukuba kukho amaxwebhu axhasa umba ophakanyiswe ngum/abakhalazi, wanamathisele kuxwebhu lwezikhalazo.

Uxwebhu lwakho luya kufakwa kuMlawuli Jikelele wePalamente ukuluhlola aze angqine ukuba luchanekile ngokohlobo nangokomxholo, luze lungeniswe kuSomlomo weNdlu yoWiso-mthetho okanye kuSihlalo weBhunga lamaPhondo leSizwe.

Ukuba uxwebhu lwezikhalazo luyahambelana nazo zonke iimfuno, luyakusiwa ePalamente. Ukuba luxwebhu olukhethekileyo luyakubhekiswa kwiKomiti yamaLungu eziPhakamiso zabuCala zoWiso-mthetho namaXwebhu aKhethekileyo kwiNdlu yoWiso-mthetho okanye iKomiti eKhethekileyo yamaXwebhu ezikhalazo neziPhakamiso zoWiso-mthetho zamaLungu kwiBhunga lamaPhondo leSizwe. Ukuba luxwebhu ngokubanzi nje, luya kubhekiswa kwiKomiti yeMicimbi yeSebe ejongene naloo mba okanye i/(ii)Komiti e(ezi)Khethekileyo eziqubisana nemiba ephakanyiswe kuxwebhu lwakho lwezikhalazo.

Uhlobo olupasisiweyo loxwebhu lwakho lwezikhalazo lungafumaneka kooNobhala bePalamente bamaPhepha. Xa ugqibile ukubhala uxwebhu lwakho lwezikhalazo kufuneka ulungenise kwi-ofisi kaNobhala wamaPhepha

Imibuzo kumaxwebhu ezikhalazo ingasiwa ku:

Nobhala wamaPhepha

Ifowuni: (021) 403 - 2224/6 okanye

P.O. Box 15, Cape Town, 8000.

Yiba nendima ePalamente. Vakalisa uluvo lwakho!

This pamphlet is available in all the official languages of South Africa.



PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Produced by the Public Education Office • Parliamentary Communication Services • INSPIRED BY PEOPLE
www.parliament.gov.za • P.O. Box 15, Cape Town, 8000 • Telephone: (021) 403 3341 • Facsimile: (021) 403 3303



Petitions to Parliament